VAKALISA ULUVO LWAKHO

Umthetho oYilwayo weZinto eziHlala eManzini [B 17B-2018] (iNdlu yoWiso-Mthetho yeSizwe – icandelo lama-75)

Isimemo sokuNgenisa iZiphakamiso eziBhaliweyo

IKomiti eKhethekileyo engoKhuseleko kunye noBulungisa imema abachaphazelekayo kunye nabantu abanomdla ukuba bangenise iziphakamiso zabo ezibhaliweyo ezingoMthetho oYilwayo weZinto eziHlala eManzini [B 17B-2018**]** (iNdlu yoWiso-Mthetho yeSizwe– icandelo lama-75)**.**

Umthetho oYilwayo weZinto eziHlala eManzini phakathi kwezinye izinto, ufuna kwenza oku:

- **ukumisela i-Ofisi yeZinto eziHlala eManzini;**
- **kunikezelwe izinto, imisebenzi kunye nendlela emayilawulwe ngayo;**
- **kuqeshwe kuze kunikezelwe namagunya oMlawuli weZinto eziHlala eManzini kunye nabasebenzi abaza kuba kule-Ofisi;**
- **kulawulwe ukungeniswa kwedata yezinto ezihlala emanzini;**
- **kulawulwe indlela anokuthi akhuselwe ngayo amanqaku ophando lwezinto ezihlala emanzini kunye namalungelo ababhali;**
- **kunqandwe iingxaki ezenziwa luluntu;**
- **kunikezelwe ngendlela ekunokusetyenzwa ngayo ngengeniso yale Ofisi;**
- **kubekho amalungiselelo entsebenziswano kuze kunikezelwe ngemiba enxulumene nawo.**

Iziphakamiso ezibhaliweyo kufuneka zifike **ungadlulanga umhla woku-1 kweyoKwindla 2019.**

Izicelo zeekopi zoMthetho oYilwayo, iziphakamiso ezibhaliweyo kunye nemibuzo kufuneka ibhekiswe kuMnu G Dixon, iKomiti eKhethekileyo engoKhuseleko noBulungisa, 3rd Floor, Office 133, 90 Plein Street, Cape Town, 8001 okanye zi-imeyilelwe ku-gdixon@parliament.gov.za okanye zifekselwe ku-086 658 9371.

Sikhutshwe ngoHloniphekileyo uSG Mthimunye, iLungu lePalamente, uSihlalo weKomiti eKhethekileyo engoKhuseleko noBulungisa.